



Celebrating World Book Day

Books are powerful and World Book Day on 23 April is a celebration of this!

It's a celebration of authors, illustrators, books and (most importantly) it's a celebration of reading. In fact, it's the biggest celebration of its kind. Created by UNESCO nineteen years ago, World Book Day is a worldwide celebration of books and reading and is observed in over 100 countries on different dates in the year and in different ways.

In some places in the United States of America, it is celebrated by having a big street festival. In the United Kingdom, publishers and booksellers get together to give away book tokens to all children at preschools and schools. The children can then take their token to their local bookshop and exchange it for a free book. And, World Book Day is celebrated in Spain by having a two-day long reading marathon every year!

In South Africa, World Book Day is a partnership between everyone who is passionate about getting children to love books and reading – authors, illustrators, publishers, literacy organisations, parents and other caregivers, teachers and librarians. We can all use this opportunity to make everyone more aware of how reading can be a satisfying and enjoyable activity – and of course, to invest in our children's literacy. (For ideas on how you can do this, see page 3.)

Ukubhiyozela uSuku lweNcwadi lweHlabathi

Iincwadi zinamandla kakhulu kwaye uSuku lweNcwadi lweHlabathi olungomhla wama-23 kuTshazimpunzi ngumbhiyozo woku kanye!

Lo ngumhla wokubhiyozela ababhali, abazobi, iincwadi kwakunye (kwanokubaluleke nangakumbi) nokubhiyozela ukufunda. Enyanisweni, lo ngowona mbhiyozo mkhulu kunayo yonke elolu hlobo. USuku lweNcwadi lweHlabathi olwamiselwa ngabakwa-UNESCO kwiminyaka elishumi elinethoba eyadlulayo, ngumbhiyozo weencwadi kunye nokufunda wehlabathi liphela kwaye ubhiyozelwa kumazwe angaphezulu kwe-100 ngemihla eyahlukileyo nangeendlela ezahlukileyo.

Kwezinye iindawo eMerika, lo mhla ubhiyozelwa ngokubambela iitheko elikhulu esitalatweni. E-United Kingdom abapapashi kunye nabathengisi-zincwadi bathi bahlangane ze banikele ngezipo eziyimiqondiso yeencwadi kubo bonke abantwana abakumaziko ompeleso kunye nabasesikolweni. Bathi ke ngoko abantwana bathathe ezo zipho zabo eziyimiqondiso bazise ezivenkileni zeencwadi zasekuhlaleni ze batshintshise ngazo ukuze bafumane iincwadi zasimahla. Kanti ke, uSuku lweNcwadi lweHlabathi eSpain lubhiyozelwa ngokubamba imarathoni yokufunda ethatha iintsuku ezimbini, minyaka le!

EMzantsi Afrika, uSuku lweNcwadi lweHlabathi lwenziwa ngokubambisana kwabantu bonke abanomdla wokwenza abantwana bathande iincwadi kunye nokufunda –

But World Book Day is not the only time we should turn our attention to reading with children. Young or old, children love to be read to. And although it's not always easy to fit reading time into our busy daily lives, just fifteen minutes of reading with a child each day, makes a huge difference and will help them fall in love with reading, grow their vocabulary, and it will also spark their imagination.

Books can shape the way we think and feel. They inspire us, and allow us to dream and to imagine. Books help people to share what they know and understand with people they have never met. They offer us the opportunity to understand our own experience of the world by reading about the life experiences of others. Books have the power to change our lives!



ababhali, abazobi, abapapashi, imibutho yelitheresi, abazali kunye nabanye abantu abaziimpelesi, ootitshala kunye noosothala. Sonke singalisebenzisa eli thuba ukuze sazise banzi wonke umntu ngendlela ukufunda ekunokuba ngumsentyenzana nento eyanelisa neyonwabisa ngayo – kanti ke ngokwenza oko, siyakuba sityala lukhulu kwilitheresi yabantwana bethu. (Ukuze ufumane iingcingane zeendlela yokwenza oku, funda kwiphepha lesi-3.)

Kodwa uSuku lweNcwadi lweHlabathi ayikokuphela kwexesha ekufuneka sikunike ngalo ingqalelo ukufunda kunye nabantwana. Nokuba bancinane okanye badala, abantwana bathanda ukufundelwa qwaba. Kanti ke nangona kungasoloko kulula ukubekela bucala ixesha lokufunda kubomi bethu obuxakekileyo bemihla ngemihla, imizuzu nje elishumi elinesihlanu yokufunda nomntwana ngosuku ngalunye yenza umahluko omkhulu kwaye inokunceda ekubenzeni bakuthande ukufunda, bandise isigama sabo kwaye ingavuselela nezakhono zabo zokuzakhela imifanekiso-ntelekelelo.

Iincwadi zingayibumba indlela esicinga nesiziva ngayo. Iincwadi ziyasivuselela, kwaye zisivumela ukuba siphuphe ze sibe nemifanekiso-ntelekelelo. Iincwadi zinceda abantu ukuze babelane ngabakwaziyo nabakuqondayo kunye nabantu abangazange bahlangane nabo. Zisinika iithuba lokuqonda amava ethu ngokunxulumene nehlabathi ngokuthi sifunde ngamava obomi abanye abantu. Iincwadi zinamandla okuguqula ubomi bethu!



Drive your imagination

Story Power.
Bring it home.
Wazise ekhaya amandla ebali.



Nal'ibali news

The children at Nal'ibali's Grow Smart Reading Club in Philippi had a special treat on Saturday, 6 February 2016. They were visited by world famous children's author, Julia Donaldson!

Julia Donaldson is the prize-winning author of some of the world's best-loved children's books, like *The Gruffalo* and *What the Ladybird Heard*. She lives in the United Kingdom but was in South Africa on a book tour to talk to adults and children about her work – and, of course, to read to them!

Julia began her visit at Grow Smart Reading Club by joining in with the club's songs and games. Then she read her first storybook, *A Squash and a Squeeze*, to the children while her husband, musician Malcolm Donaldson, played along on his guitar! Julia explained to the children how this book had started out as a song and then she had developed it into a story. Afterwards Julia and the children had great fun acting out the story together.

"This morning has been one of the most amazing and memorable experiences of any book tour I have been on. It was so valuable to see what the children do at the Nal'ibali reading clubs and to not only share my stories, but to join in with their songs and games too. The children were wonderful!" said Julia.

When it was time for Julia to leave, the club was given a donation of different books written by Julia, and the children were left with many happy memories of books and reading!

Iindaba zakwaNal'ibali

Abantwana beklabhu yokufunda yakwaNal'ibali iGrow Smart Reading Club ePhilippi bafumene okukodwa ngoMgqibelo womhla we-6 kweyoMdumba kowama-2016. Bandwendwelwa ngumbhali weencwadi zabantwana odume kwihlabathi liphela, uJulia Donaldson!

UJulia Donaldson ngumbhali ophumelele imbasa wezinye zezona ncwadi zabantwana zithandwa kakhulu ezifana no*The Gruffalo* kunye no*What the Ladybird Heard*. Uhlala e-United Kingdom kodwa ebendwendwele uMzantsi Afrika kukhenketho lweencwadi ukuze athethe nabantu abadala kunye nabantwana malunga nomsebenzi wakhe – kwakunye, uyayazi nje, nokubafundela!

UJulia waluqala ukhenketho lwakhe eGrow Smart Reading Club ngokuzibandakanya kwiingoma kunye nemidlalo yeklabhu. Emva koko wafundela abantwana incwadi yamabali yakhe yokuqala esihloko sithi, *A Squash and a Squeeze*, lo gama umyeni wakhe ongumculi, uMalcolm Donaldson, wayebakhapha ngokudlala isiginkci sakhe lo gama bona baculayo! UJulia wacacisela abantwana ngendlela le ncwadi eyaqala ngayo iyingoma, ngoma leyo wathi wayikhulisa yaze yaphela ilibali. Emva koko uJulia kunye nabantwana bonwatyiswa kakhulu xa bebonke kukwenza umdlalo weqonga osekelwe kweli bali.

"Le ntsasa ibeyenye yawona mava amangalisayo alo naluphi na ukhenketho lweencwadi endakhe ndakulo kwaye loo mava ndakuhlala ndiwakhumbula ubomi bam bonke. Kube nexabiso elikhulu kakhulu ukubona izinto ezenziwa ngabantwana kwiiklabhu zokufunda zakwaNal'ibali kwanokungabelani nje nabo ngamabali am kuphela, koko ndibajoyine ezingomeni nakwimidlalo yabo. Aba bantwana bandimangalise ngokwenene!" utshilo uJulia.

Lathi lakufika ixesha lokuba uJulia ahambe, iklabhu yanikwa isipho seencwadi ezahlukileyo nezibhalwe nguJulia, kwaza ke ngolo hlobo kwasala iinkumbulo ezimnandi zeencwadi kunye nokufunda ebantwaneni!

Valentina Nicol



Author, Julia Donaldson introducing her book.

Umbhali, uJulia Donaldson, esazisa incwadi yakhe.

Valentina Nicol



Julia getting some help with reading the story.

UJulia efumana uncedo lokufunda ibali.

Valentina Nicol



Julia and the children retell the story by acting it out.

UJulia kunye nabantwana bebalisa ibali kwakhona ngokwenza umdlalo weqonga.

"Sharing stories with a child can bring you closer together. It helps you understand your child and it helps them understand you."
Julia Donaldson

"Ukwabelana ngamabali nomntwana kunganenza nibe nobudlelwane obushushu nangakumbi. Kukunceda ukuba umazi ngcono umntwana wakho baze ke nabo abantwana bakho bakuqonde ngcono."
NguJulia Donaldson



Drive your imagination

Ways to celebrate World Book Day

Here are four ideas for World Book Day – and beyond!



Iindlela zokubhiyozela uSuku lweNcwadi lweHlabathi

Nazi iingcebiso ezine zezinto ezinokwenziwa ngoSuku lweNcwadi lweHlabathi - nangaphaya kwalo!

- On 23 April, turn off the computer, TV and radio for the day and spend the time telling stories and reading books, and talking about them with friends and family.
- Have a book quiz at home or in your classroom or library. Write your own set of questions about books. The questions could be general ones like, "What do we call the person who writes a book?" (An author) and "Where will you find the title of a book?" (On the front cover and first page, and on the spine of the book, if there is one.). You could also have specific questions that relate to books you have all read. (You could use the stories in this supplement or past Nal'ibali Supplements for this.) Let everyone write down their answers to the questions and see how many are correct!
- Encourage your children to copy out a sentence or paragraph from their favourite book and then draw a picture to go with it. Remind them to write the name of the book and the author too. Display your children's creations on the fridge, or on a wall in your home, classroom, library or at your reading club.
- Encourage children to offer their opinions about what they read by creating review cards. Write the title of the book and its author at the top of a piece of cardboard. Under this, draw three columns like this:

Your name	Your age	😊😊😊😊

Use sticky tape or Prestik to stick the review card to the inside cover of the books in your classroom, reading club or library. Encourage the children to complete the cards each time they read a book by writing their name and age, and drawing one or more smiley faces to show how much they enjoyed the book. Remind the children that when they pick up a book they have not read before, they can look at its review card to see how much other children enjoyed it!

- Ngomhla wama-23 kuTshazimpunzi, cima ikhompyutha, umabonwakude kunye nonomathotholo wakho imini yonke ze nisebenzise elo xesha nibalisa amabali nikwafunda neencwadi, nize ke nincokole ngoko nabahlobo neentsapho zenu.
- Dlalani imidlalo yemibuzwana neempendulo malunga neencwadi ekhaya okanye eklasini okanye kwithala leencwadi. Bhala uluhlu lwakho lwemibuzo malunga neencwadi. Le ingayimibuzo ebanzi njengalo ulandelayo, "Sithini ukumbiza umntu obhala incwadi?" (Ngumbhali) okanye lo ulandelayo umbuzo "Encwadini usifumana phi isihloko sencwadi?" (Kwiqweqwe langaphambili lencwadi kunye nasephepheni lokuqala, kwakunye nasemqolo encwadini, ukuba loo ncwadi inawo.). Kananjalo ungabuza nemibuzo engqalileyo ngonxulumene neencwadi enizaziyo nenikhe nazifunda xa ninonke. (Kananjalo ungawenza lo msebenzi ngokusebenzisa amabali akolu hlelo okanye akwiintlelo zikaNal'ibali ezigqithileyo.) Vumela ukuba wonke umntu abhale phantsi iimpendulo zale mibuzo ze ubone ukuba zingaphi na ezichanekileyo!
- Khuthaza abantwana bakho ukuba bakope isivakalisi okanye umhlathi ovela kweyona ncwadi bayithandayo ze bazobe umfanekiso ohambelana neso sivakalisi okanye loo mhlathi. Bakhumbuze ukuba babhale isihloko sencwadi kunye nombhali wayo. Xhoma loo msebenzi wobugcisa wabantwana bakho kwisikhenkcezi, okanye edongeni kwikhaya lakho, eklasini, kwithala leencwadi okanye kwiklabhu yokufunda.
- Khuthaza abantwana ukuba banike izimvo zabo malunga nabakufundileyo ngokuthi baqulunqe amakhadi ezigxeko-ncomo. Bhala isihloko sencwadi kunye nombhali wayo emantla esiqwengana sekhadibhodi. Ngaphantsi kwazo, zoba imiqolo emithathu elolu hlobo:

Igama lakho	Ubudala bakho	😊😊😊😊

Sebenzisa iteyiphu encamatelayo okanye iPrestik ukuze uncamathelele ikhadi lesigxeko-ncomo kumaqweqwe angaphakathi eencwadi eziseklasini yakho, ezikwiklabhu yokufunda okanye kwithala leencwadi. Khuthaza abantwana bakho bazalise amakhadi qho xa bathe bafunda iincwadi ezo ngokubhala amagama abo kunye nobudala babo, baze bazobe iibuso ezincumileyo ezibuninzi bazo bubonakalisa indlela abayonwabele ngayo incwadi leyo. Khumbuza abantwana ukuba xa bathe bathatha incwadi abangazange bayifunda ngaphambili, mabajonge kwikhadi lesigxeko-ncomo elikuyo ukuze babone ukuba abanye abantwana bayonwabele kangakanani na loo ncwadi!

The Nal'ibali bookshelf



Julia Donaldson is best known for her picture books, but she also writes fiction, poems, plays and songs, and her brilliant live children's shows are always in demand. Her best-known book is *The Gruffalo*, which has sold over 14 million copies worldwide and has been translated into seventy languages.

In South Africa, all of Julia's books are available in English and a few of them have been translated into Afrikaans, and one has been translated into isiXhosa. (The isiZulu translation of *The Gruffalo* will be available later in 2016!)

For more information about this magical storyteller and her books, go to www.juliadonaldson.co.uk. Here are some of her books that you might enjoy:

The Gruffalo (Macmillan)
The Gruffalo's Child (Macmillan)
Room on the Broom (Macmillan)
A Squash and a Squeeze (Macmillan)
Stick Man (Scholastic)
What the Ladybird Heard (Macmillan)



Ishelufa yeencwadi kaNal'ibali

UJulia Donaldson waziwa kakhulu ngeencwadi zakhe zemifanekiso, kodwa usekwabhala noncwadi olunemixholo eqwetyiweyo njengeenoveli namabali, imibongo, imidlalo yeqonga kunye neengoma kwaye nemiboniso yakhe yabantwana esasazwa ngqo nenomdla kakhulu isoloko ilangazelelwa ngabaninzi. Eyona ncwadi yakhe yaziwayo yileyo isihloko sithi *The Gruffalo*, nethengise ngaphezulu kweekopi ezizizigidi ezili-14 kwihlabathi jikelele kwaye iguqulelwe kwiilwimi ezingamashumi asixhenxe.

EMzantsi Afrika, zonke iincwadi zikaJulia ezikhoyo ziyafumaneka ngesiNgesi kwaye ezimbalwa zazo ziguqulelwe kwi-Afrikaans, ize ibenye nje kuphela eguqulelwe esiXhoseni. (Inguqulelo yesiZulu yencwadi esihloko sithi *The Gruffalo* iza kufumaneka apha ekuhambeni konyaka wama-2016!)

Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe malunga nalo mbalisi-mabali umangalisayo kwakunye nangeencwadi zakhe, yiya ku-www.juliadonaldson.co.uk. Nazi ezinye zeencwadi zakhe onokuzonwabela:

The Gruffalo (Macmillan)
The Gruffalo's Child (Macmillan)
Room on the Broom (Macmillan)
A Squash and a Squeeze (Macmillan)
Stick Man (Scholastic)
What the Ladybird Heard (Macmillan)





Get story active!

Here are some ideas for using the two cut-out-and-keep books, *Searching for the spirit of spring*, (pages 5, 6, 7, 8, 11 and 12) and *Bugs* (pages 9 and 10) as well as the Story Corner story, *Koketso's favourite jersey* (page 14). Choose the ideas that best suit your children's ages and interests.

Searching for the spirit of spring

In this story, Nkanyezi can't wait for the Spring festival, but the people of her village have lost their spirit of celebration. So, she goes in search of the things that are essential ingredients for any celebration. This story can be read to children of different ages, but children older than three years are more likely to enjoy it.



- ★ After you have read the story aloud, try discussing some of these questions with your children.
 - ☀ Do you think Nkanyezi was brave to go in search of the spirit of celebration? How would you have felt?
 - ☀ How might the story have been different if she hadn't gone on that journey?
 - ☀ Why do you think she went on her own?
- ★ Let your children remember celebrations that they have enjoyed. Encourage them to draw a picture of one of these celebrations and then to write a few sentences or paragraphs to go with their pictures. (Help younger children with their writing by letting them tell you what they would like to write, and then writing it for them. Always read what you have written back to them so they can tell you whether it is what they wanted!)

Bugs

This little book introduces very young children to different bugs. You can also use it with older children by letting them read it in their mother-tongue first and then in the other language of the supplement. They can also read it to younger children who they know.



- ★ As you read the book together:
 - ☀ talk about the colours of the different bugs.
 - ☀ let your children use their fingers to imitate the way the different bugs move.
 - ☀ talk about the sounds the different bugs make.
 - ☀ let them find and name each of the bugs on pages 6–7.
- ★ Let your children use different scrap materials (like bottle tops, egg cartons, pieces of fabric, wool) and paint, paper and glue to make one of the bugs in the book. (Remember that it doesn't have to look exactly like the animals in the book – encourage your children to use their imaginations!)

Koketso's favourite jersey

In this story, Koketso's beautiful jersey shrinks in the wash and so it is much too small for her. She feels sad until old Uncle Koos has a good idea and Koketso finds that her shrunken jersey can still be useful. This is a good story for reading aloud or retelling.



- ★ Add in some sound effects and actions as you read or tell the story. For example, the sound of the wind blowing, and Koketso wrapping her arms around herself and then jumping up and down to keep warm.
- ★ Ask your children to mime Granny doing the washing in the first three paragraphs of the story while someone reads the words slowly.
- ★ Encourage your children to draw a picture showing Koketso having breakfast after the story has ended, or a picture of their favourite part of the story. Suggest that they add a speech bubble for each character in their picture and they can then write the words that the characters are saying.

Yenza ibali linike umdla!

Nazi ezinye zeengcingane zokusebenzisa iincwadana ezimbini onokuzisika-ze-uzigcine, u-*Ukukhangela umoya wentwasahlobo* (okwiphepha le-5, ele-6, ele-7, ele-8, ele-11 nele-12) kunye no-*ligrogro* (okwiphepha le-9 nele-10) kwakunye nebali leNdawo yamaBali, u-*Eyona jezi ayithandayo uKoketso* (elikwiphepha le-15). Khetha ezo ngcebiso zilungele ubudala kunye nomdla wabantwana bakho.

Ukukhangela umoya wentwasahlobo

Kweli bali, uNkanyezi wayengasakwazi nokuzibamba kuba engxamele ukufika komsitho weNtwasahlobo, kodwa abantu belali yakhe babelahlekelwe ngumoya nomdla wokubhiyoza. Ngoko ke waphuma iphulo lokukhangela izinto ezingundoqo ezizizithako zawo nawuphi na umbiyoza. Eli bali lingafundelwa abantwana ababudala bahlukileyo, kodwa ngabantwana abangaphezulu kweminyaka emithathu ekulindeleke ukuba balonwabele kakhulu.

- ★ Emva kokuba ulifunde ngokuvakalayo ibali, zama ukuxoxa ngeminye yale mibuzo kunye nabantwana bakho.
 - ☀ Ucinga ukuba uNkanyezi wayenobuganga nesibindi ngokuya kukhangela umoya wokubhiyoza? Ngowawuzive njani wena?
 - ☀ Ucinga ukuba mhlawumbi ibali ngelalahluke njani ukuba wayengazange aluthathe olo hambo?
 - ☀ Ucinga ukuba kwakutheni ukuze ahambe yedwa?
- ★ Vumela abantwana bakho ukuba bakhumbule imibhiyoza abakhe bayonwabela. Bakhuthaze ukuba bazobe imifanekiso yeminye yale mibhiyoza baze ke babhale izivakalisi ezimbalwa okanye imihlathi eza kuhambelana nemifanekiso leyo yabo. (Ncedisa abantwana abancinane ekubhaleni kwabo ngokubavumela ukuba bakuxelele ukuba bangathanda ukubhala ntoni na, uze ke ubabhalele oko banqwenela ukukubhala. Ngalo lonke ixesha wakugqiba ukubhala bafundele ukuba ubhale ntoni na ukuze bakuxelele ukuba leyo yiyo kusini na into ebebefuna ukuyibhala!)

ligrogro

Le ncwadana incinane yazisa abantwana abancinane kakhulu ngeegrogro ezahlukileyo. Kananjalo ungayisebenzisa nabantwana abadlala ngokubavumela ukuba bayifunde ngolwimi lwabo lweenkobe kuqala baze ke emva koko bayifunde ngolwimi olu lohlelo. Bangayifundela nabanye abantwana abancinane ababaziyo.

- ★ Njengokuba nifunda ninonke:
 - ☀ thethani malunga nemibala yeegrogro ezahlukileyo.
 - ☀ vumela abantwana bakho ukuba basebenzise iminwe yabo ukulinganisa iindlela iigrogro ezahlukileyo ezihamba ngazo.
 - ☀ thetha malunga nezandi kunye nengxolo eyenziwa ziigrogro ezahlukileyo.
 - ☀ bavumela ukuba bafune ze banike igama igrogro nganye ekwiphepha le-6 nele-7.
- ★ Vumela abantwana bakho ukuba basebenzise izinto ezilahlweyo ezahlukileyo (ezifana neziciko zeebhottle, amakhadibhodi amaqanda, iziqwentshu zamalaphu, iwulu) kunye nepeyinti, nephepha kunye neglu ukuze benze enye yeegrogro ezisencwadini. (Khumbula ukuba akunyanzelekanga ukuba ide ifane nqwa neso silwanyana sisencwadini – khuthaza abantwana bakho ukuba basebenzise imifanekiso-ngqondweni neetelekelelo zabo!)

Eyona jezi ayithandayo uKoketso

Kweli bali, ijezi entle kaKoketso yashwabana ze yancipha emanzini okuhlamba impahla, yaze ke ngoko yancinane kakhulu kuye. Yaba buhlungu kakhulu intliziyo yakhe de uTatomkhulu uKoos weza nengcingane ekelekrele kakhulu, eyathi yenza uKoketso afumanise ukuba ijezi yakhe isengaluncedo. Eli libali elimnandi ngokufundwa ngokuvakalayo okanye libaliswe kwakhona.

- ★ Fakela isandi kunye neentshukumo lo gama ulifunda okanye ulibalisa ibali. Umzekelo, isandi esenziwa ngumoya ovuthuzayo, okanye isandi esenziwa nguKoketso xa azambathisa ngeengalo zakhe ze axhumaxhume ezama ukuzifudumeza.
- ★ Cela abantwana bakho ukuba balinganise uMakhulu xa ehlamba impahla kwimihlathi yokuqala emithathu yebali lo gama omnye kubo afunda amazwi ngokucathayo.
- ★ Khuthaza abantwana bakho ukuba bazobe umfanekiso obonisa uKoketso esitya isidlo sakusasa emva kokuba ibali liphelile, okanye bazobe umfanekiso weyona ndawo bayithandileyo ebalini. Becebise ukuba bafakele iqamza lentetho kumlinganiswa ngamnye osemfanekisweni wabo ze ke babhale amazwi athethwa nguloo mlinganiswa.

Create TWO cut-out-and-keep books

Bugs

1. Tear off page 9 of this supplement.
2. Fold the sheet in half along the black dotted line.
3. Fold it in half again along the green dotted line to make the book.
4. Cut along the red dotted lines to separate the pages.

Searching for the spirit of spring

1. To make this book use pages 5, 6, 7, 8, 11 and 12.
2. Keep pages 7 and 8 inside the other pages.
3. Fold the sheets in half along the black dotted line.
4. Fold them in half again along the green dotted line to make the book.
5. Cut along the red dotted lines to separate the pages.



Zenzele iincwadana EZIMBINI onokuzisika-ze-uzigcine

ligrogro

1. Krazula, ukhuphe iphepha le-9 kolu hlelo.
2. Lisonge phakathi ulandela umgcana ongamachaphaza amnyama.
3. Phinda ulisonge phakathi kwakhona ulandela umgcana ongamachaphaza aluhlaza ukwenza incwadi.
4. Sika ke ngoku ulandela imigcane engamachaphaza abomvu ukohlula amaphepha.

Ukukhangela umoya wentwasahlobo

1. Xa usenza le ncwadi sebenzisa iphepha le-5, ele-6, ele-7, ele-8, ele-11 nele-12.
2. Faka iphepha le-7 nele-8 ngaphakathi kwamanye amaphepha la.
3. Wasonge la maphepha phakathi kumgcana ongamachaphaza amnyama.
4. Phinda uwasonge phakathi kwakhona ulandela umgcana ongamachaphaza aluhlaza ukwenza incwadi.
5. Sika ke ngoku ulandela imigcane engamachaphaza abomvu ukohlula amaphepha.



Drive your imagination

Nkanyezi walked all day, through a vast forest of
giant trees. As the sky became too dark for her to see,
she heard the sound of beating drums. She hurried
towards the drumming, feeling the spirit of dance
coming to her tired feet.

UNkanyezi wahamba imini yonke, enqumla
kwihlati elikhulu nelincemithi emikhulu kakhulu.
Njengokuba isibhakabhaka sasisiba manyama
engaboni, weva isandi sokubethwa kwamagubu.
Wakhawuleza ukuya kwelo cala kubethwa kulo
amagubu, esiva umoya wokudanisa umfkelela
ezinyaweni zakhe ezidiniweyo.


We believe every child
should own a hundred books
by the age of five.

Become a book-sponsor and
help change the world.

Get involved at
bookdash.org

bookdash

Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment
campaign to spark children's potential through
storytelling and reading. For more information,
visit www.nalibali.org or www.nalibali.mobi




UNal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela
ukuzonwabisa nokuvuselela umdla
ebantwaneni ngokubalisa amabali nokufunda.
Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe,
ndwendwela ku-www.nalibali.org okanye
ku-www.nalibali.mobi



Searching for the spirit of spring

Ukukhangela umoya wentwasahlobo

Mosa Mahlaba
Selina Morulane
Sibusiso Mkhwanazi





UNkanyezi wazifumanisa eselalini yaseBhubesi. Abantu apho babehleli bengqonge umlilo, bebetha amagubu kwaye becula. Wayengazange wawuva umculo omanandi kangako ngaphambili. Wabalisele abantu abadala belali leyo malunga nohambo lwakhe lokubuyisela umoya nomdla wokubhiyoza kwabo bantu asuka kubo. Abantu belali yaseBhubesi bammema ukuba aphyumle, alale nabo ngobo busuku.

Nkanyezi found herself in the village of the Bhubesi. People were sitting around a fire, drumming and singing. She had never before heard such wonderful music. She told the village elders about her journey to bring back the spirit of celebration to her people. The Bhubesi invited her to rest and stay the night.

The winter cold had passed. Spring was coming to the village of Ndlovu. Soon the villagers would gather to celebrate the new season. Nkanyezi looked forward to the Spring festival more than any other day in the year.

Ingqele yasebusika yayisele igqithile. INtwasahlobo yayisele ifikile kwilali yakuNdlovu. Kungekudala kwakulindeleke ukuba abahlali belali le bahlangane, babhiyozele ixesha elitsha lonyaka. UNkanyezi wayewulindele ngamehlo abomvu umsitho wokubhiyozele iNtwasahlobo, nangaphezulu kwalo naluphi na usuku enyakeni.



Ngenxa yobubele babanye kunye nokuba nesibindi kukaNkanyezi, abantu belali baphinda bafumana umbala, umculo kunye nomdaniso, kwakunye nokutya okumnandi ebomini babo. Kuthe ke ngoko umoya nomdla wokubhiyoza wabuyela elalini yakuNdlovu kwakhona.



Njengokuba ubusuku babusondela, uNkanyezi wafika kwilali encephateni kunye nemibala angazange wayibona ngaphambili. Wabalisela abantu abadala belali leyo malunga nohambo lwakhe lokubuyisela umoya nomdla wokubhiyoza kwabo bantu asuka kubo. Umama wesi sizwe wanika uNkanyezi isiphho waze wathi kuye, “Sikupha le peyinti siphuphuma luthando ukuze ubuyisele umbala kwilali leyo usuka kuyo imbatshileyo.”

UNkanyezi wababulela abantu abadala waze wayifaka ipeyinti engxoweni yakhe. Kwakusasa ngosuku olulandelayo waqhubeke nohambo lwakhe, echulumancile kwaye evuselelekile sisipho sombala.

As night was closing in, Nkanyezi arrived at a village of patterns and colours like she had never seen before. She told the village elders about her journey to bring back the spirit of celebration to her people. The mother of this tribe gave Nkanyezi a gift and said to her, “With love we give to you this paint to restore colour to a village that has gone dull.”

Nkanyezi thanked the elders and put the paint in her bag. Early the next morning she went on her way again, excited with this gift of colour.

When Nkanyezi arrived home, the villagers gathered around her to hear of her adventures. She told them the tales of what she had seen, heard and eaten. Then she opened her bag to share the gifts given. The people rejoiced to receive these treasures.

Through the generosity of others and the courage of Nkanyezi, the villagers once again found colour, music and dance, and good food in their lives. And so the spirit of celebration was restored to the village of Ndlovu.

Wathi akufika uNkanyezi ekhaya, abantu belali baqokelelana, bamngqonga befuna ukuva ngamahlandinyuka akhe. Wabalisela amabali ngezinto azibonileyo, azivileyo nazityileyo. Waze ke emva koko wavula ingxowa yakhe eza kwabelana nabo ngeziphho aziphiweyo. Abantu belali yakhe bavuyiswa kakhulu kukufumana obo butyebi.



UNkanyezi wahamba imini yonke. Wenyu-
ka induli, waza wehlisa iindlambo. Wadada, ewela
imilambo emikhulu, egwencela phakathi
kwamawa athambekileyo nanamatye ahlabayo.
Wangumla amathafakazi wade wafika kwisithunzi
secntaba ezibomvu.



Nkanyezi walked all day. She hiked up a hill,
and down into a valley. She sailed across the great
river, and climbed between sharp rocks. She
marched across the plains until she reached the
shadow of the red mountains.

One warm morning, Nkanyezi overheard two
village elders talking about the festival.
“The people of Ndlovu have lost their spirit of
celebration,” one sighed.
“How can we have a Spring festival in a village
that has forgotten how to celebrate?” asked another.

Ngenye intsasa efudumeleyo, uNkanyezi weva
abantu abadala ababini belali bencokola malunga
nalo msitho.
“Abantu bakuNdlovu baphelelwa ngumdlu
wokubhiyoza,” watsho omnye wabo ngesingqala.
“Singanawo njani umsitho wokubhiyozela
iNtwasahlobo kwilali elibele nendlela le
yokubhiyoza?” wabuza omnye.



The next day, the council of cooks gave her a
secret spice blend.
“Our daughter,” they said, “with these spices,
happy tummies are guaranteed! We give you the gift
of good food.”
Nkanyezi thanked the council of cooks and put
the spices in her bag. She knew she had everything
she had been searching for. With new energy
she started the long journey back to the village
of Ndlovu.

Ngosuku olulandelayo, ibhunga labapheki
lamnika umxube wezinongo oyimfihlo.
“Ntombi yethu,” batsho, “ngezi zinongo,
izisu ezixolileyo ziqinisekisiwe! Sikupha isipho
sokutya okumnandi.”
UNkanyezi walibulela ibhunga labapheki waze
wazifaka izinongo engxoweni yakhe. Wayesazi ngoku
ukuba wayeyifumene yonke into awayeyikhangela.
Evuselekile enamandla amatsha, waqalisa uhambo
lwakhe olude olubuyela elalini yakhe yakuNdlovu.

ibhabhathane elibhahazelayo
elindandayo
flitter flutter butterfly



inysi exakekileyo ebhubhuzelayo
busy buzzy bee



isigcawu esihlasimisayo esibi
incy wincy spider



ibhungane elinamachokaza
namachaphaza
dotted spotted beetle



We publish what we like

This is an adapted version of *Bugs*, published by Jacana Media and available in bookstores and online from www.jacana.co.za. This story is available in isiZulu, isiXhosa, English, Afrikaans, Setswana, Sesotho, Sepedi, Siswati, Xitsonga, Tshivenda and isiNdebele. Jacana publishes books for young readers in all eleven official South African languages. To find out more about Jacana titles go to www.jacana.co.za.

Funda ibali eliyintsusa elithi, *ligrogro*, elishicilelwe yi-Jacana Media kwaye lifumaneka ezivenkileni zeencwadi nakwi-online ku-www.jacana.co.za. Eli bali lifumaneka ngesiXhosa, ngesiZulu, ngesiNgesi, nge-Afrikaans, ngeSiswati, ngeSepedi, ngeSesotho, ngeSetswana, ngeXitsonga, ngeTshivenda nangesiNdebele. I-Jacana ishicilela iincwadi zabafundi abaselula ngazo zonke iilwimi ezivunyiweyo ezilishumi elinanye zaseMzantsi Afrika. Ukuze ufumane iinkcukacha ezigcweleyo ngeetayitile ze-Jacana yiya ku-www.jacana.co.za.

© Jacana Media (South African rights only) Tel: 011 628 3200



Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark children's potential through storytelling and reading. For more information, visit www.nalibali.org or www.nalibali.mobi



UNal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa nokuvuselela umdla ebantwaneni ngokubalisa amabali nokufunda. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-www.nalibali.org okanye ku-www.nalibali.mobi



Drive your
imagination

Bugs ligrogro



Jude Daly

umbungu orhubuluzayo ocothayo
creepy crawlly caterpillar



inkumba erhogozayo ecothayo
slowcoach snail



Who lives here?
Ngubani ohlala apha?

Here they are!



Nazi apha!

In the morning the chief called on Nkanyezi. "My child," he said, "here is a special drum. It plays a new song every time you beat it." Nkanyezi thanked the chief and put the drum in her bag. She went on her way again, delighted with this gift of music and dance.

Ekuseni inkosi yabiza uNkanyezi. "Mntwana wam," yatsho, "thatha nali igubu elikhethekileyo. Lidlala ingoma entsha ngalo lonke ixesha ulibetha." UNkanyezi wayibulela inkosi leyo waze walifaka engxoweni yakhe igubu elo. Waqhubeka nohambo lwakhe kwakhona, evuyela esi siphosomculo nokudanisa.



The elders gave the young girl their blessing for the journey. They also gave her a bag to carry the things she would find. As she set out, Nkanyezi felt a bit afraid, but she wanted to help her village.



Abantu abakhulu bayipha iintsikcelelo kuhambo lwayo le ntombazana incinane. Kananjalo bayinika nengxowa eyayiza kufaka kuyo izinto eyakuthi izifumane. Nje ukuba alugalise uhambo lwakhe, uNkanyezi waziva efikelwa luloyikwana oluncinane, kodwa wayefuna ukunceda ilali yakhe.

Nkanyezi was worried.
“How will the sun shine again unless we sing to wake it from its winter slumber?” she asked herself.
Then Nkanyezi thought for a long time.
“I must find what we have lost,” she decided.
“I must go in search of things that will bring back the spirit of celebration to my village.”
UNkanyezi wayexhalabile.
“Liza kuvela njani ilanga kwakhona ngaphandle kokuba sicule silivuse kubuthongo balo basebusika?” wazibuza lowo.
Uthe ke ngoko uNkanyezi wathi ngumama, waze wacinga ixesha elide.
“Kufuneka ndifumanise ukuba yintoni na kanye le isilahlakeleyo,” wagqida kwelo. “Kufuneka ndihambe ndiye kukhangela izinto eziza kubuyisela umoya nomdla wokubhuyoza elalini yam.”



On the third day of her journey, as Nkanyezi passed a field of fat cows, her nose started to tingle. An aroma tickled her taste buds and her mouth started to water. She followed the scent, and arrived in a village to find people standing over steaming pots of stew.
This village was famous for its feasts. Nkanyezi had never ever tasted such wonderful flavours. After she had eaten her fill, she told the village elders about her journey to bring back the spirit of celebration to her people.
Ngosuku lwesithathu lohambo lwakhe, njengokuba uNkanyezi wayedlula kwithafa elincenkomo ezityebileyo, impumlo yakhe yaqalisa ukuntontozela. Kwakukho ivumba elintontozelisa izivi zakhe zencasa waze umlomo wakhe wavuza izinkcwe. Walandela elo vumba, wade wafika elalini apho wafumana abantu bemiphuzu kweembiza ezinephunga lesityu esimandi. Le lali yayidumile ngenisitho yayo. UNkanyezi wayengazange akutye ukutya okuncencasa emangalisajengoko kutya. Emva kokuba etyile, wabalisela abantu abadala belali leyo malunga nohambo lwakhe lokubuyisela umoya nomdla wokubhuyoza kwabo bantu asuka kubo.





The magic of reading



Our children are exposed to so much technology that we sometimes forget the importance of reading. Reading exercises the mind, keeps kids informed and, most importantly, expands their knowledge. My daughter is almost three and I'm trying hard to make sure she doesn't have access to my cellphone or any other devices that could get in the way of her enjoying the simple and valuable pleasure of reading. Every night, she asks me to read a story at bedtime. Although she has a collection of Disney books, lately we have been enjoying the Na'ibali stories in the *Living and Loving* magazine. She likes books so much that although she can't read yet, she just makes up her own story using the pictures. I really hope this habit grows with her into adulthood as it has the power to take her far in life.

Bongiwe Mbhele

Umlingo wokufunda



Abantwana bethu bangqongwe yiteknoloji eninzi kakhulu kangangokuba ngamanye amaxesha siyakulibala ukubaluleka kokufunda. Ukufunda kuqeqesha ingqondo ukuze isebenze kakuhle, kugcina abantwana besazi kwaye, nokona kubaluleke nangakumbi, kwandisa ulwazi lwabo nangakumbi. Intombi yam sele iza kugqiba iminyaka emithathu kwaye ndizama kangangoko ukuqinisekisa ukuba ayilifumani ithuba lokusebenzisa iselula yam okanye nasiphi na isixhobo esinokuthintela ukonwatyiswa kwakhe bubuncwane beyona nto imnandi, elula nexabisekileyo, ikukufunda. Rhoqo ebusuku, ucela ukuba ndimfundele ibali xa esiya kulala. Nangona enengqokelela enkulu yeencwadi zakwaDisney, mvanje sonwabela amabali eNa'ibali akwimagazini esihloko sithi, *Living and Loving*. Uyazithanda kakhulu iincwadi kangangokuba nangona engekakwazi ukufunda nje, uziqambela awakhe amabali esebenzisa imifanekiso. Ndinethemba elikhulu lokuba akhule nawo lo mkhwa ade abe ngumntu omdala kuba unamandla okumbeka kwelona nqanaba likude ebomini.

NguBongiwe Mbhele

We love the Na'ibali supplement!

Thank you all so much for your hard work in producing these publications which the children and volunteers all thoroughly enjoy. They love cutting out and making their own books, and the fact that each time the format is slightly different and they have to read the instructions, is good too. They also love the fun activities and it's special to have something of your very own to take home. Wishing you all a blessed and fun 2016!

Di Levinsohn (Zevenfontein Educational Fund, Gauteng)

Siyaluthanda uhlelo lweNa'ibali!

Enkosi kuni nonke ngomsebenzi onzima eniwenzayo wokuvelisa olu papasho lonwatyelwa kangaka ngabo bonke abantwana namavolontiya. Bakuthanda kakhulu ukusika baze bezenzele ezabo iincwadi, nento yokuba kufuneka befunde imiyalelo kwixesha ngalinye kuba ifomathi ekubekelwe ngayo ezi ncwadana yahlukile, nto leyo ilunge kakhulu. Kananjalo bayayithanda nemisetyenzana yolonwabo kwaye kuyinto ekhethekileyo nentle ukuba nento umntu aza kugoduka nayo. Ndininqwenelela unyaka wama-2016 osikelelekileyo nozele lulonwabo!

NguDi Levinsohn (IweZevenfontein Educational Fund, Gauteng)

Dear Na'ibali... Na'ibali othandekayo...

Write to us at: Na'ibali,
Suite 17-201, Building 17,
Waverley Business Park, Wyecroft Road,
Mowbray, 7700, or
info@nalibali.org.

Sibhalele ku-Na'ibali,
Suite 17-201, Building 17,
Waverley Business Park, Wyecroft Road,
Mowbray, 7700, okanye
ku-info@nalibali.org.



Amazing resource

I have just been exploring your website – it's unbelievable! The number of resources and the dedication is amazing. I have a lecturer friend and I am going to recommend that she explores your website – she is passionate about reading. Keep up the good work.

Ntate Ramokolo

Umthombo omangalisayo

Bendijonga-jonga iwebhusayithi yenu – ayikholeleki! Imithombo eninayo kunye nokuzinikela kwenu kuyamangalisa. Ndinomhlobo wam ongumhlohli edyunivesithi kwaye ndiza kumcebisa ukuba akhe ajonga-jonge iwebhusayithi yenu – uyakuthanda kakhulu ukufunda. Qhubani nisenza umsebenzi omhle.

NguNtate Ramokolo

NAL'IBALI ON RADIO!

Tune in to your favourite SABC radio station and enjoy listening to children's stories! To find out the days and times that Na'ibali is on the radio, go to www.nalibali.org/audio-downloads/.




UNAL'IBALI KUNOMATHOTHOLO!

Phulaphula esona sikhululo sikanomathotholo usithandayo kwijelo losasazo lakwa-SABC uze wonwabele ukumamela amabali abantwana! Ukuze ufumane iintsuku kunye namaxesha uNa'ibali akunomathotholo ngawo, yiya ku-www.nalibali.org/audio-downloads/.



Koketso's favourite jersey

By Patricia de Villiers ✨ Illustrations by Vian Oelofsen



Monday is always a big wash day in Granny's house. Every Monday, early in the morning, Granny takes out the big tin washtub and puts it on the table in the yard. Then she boils water in the kettle. She has to boil lots and lots of kettles to fill the washtub right up to the top.

Then Granny adds soap powder and stirs the water with a big wooden spoon until it becomes frothy and bubbly. And then she puts all the sheets and pillowcases, and the tablecloth and her own large underwear into the washtub and pushes them down under the water with her big wooden spoon and then stirs them around and around and around.

When everything is clean and rinsed, Koketso helps her granny to peg the heavy, wet washing on the clothesline.

One cold Monday morning, Koketso looked at what she was wearing.

"Mmm," she thought, "my white socks are quite clean, but my blue shoes are dirty. My pink dress is clean, but my bright stripy jersey has got this morning's breakfast all over it! Let's see – egg, tomato sauce, milk, a bit of banana and LOTS of crumbs. I love this beautiful, warm jersey of mine, but it does need a good wash!"

"Granny!" she called out. "Can I put my stripy jersey and my blue shoes into your washtub?"



Granny chuckled, "No, my angel, this is a HOT wash. You really mustn't do that!"

Koketso didn't understand. Why shouldn't she put her jersey and shoes into her granny's washtub? So, when Granny had gone to the shop to buy some potatoes and onions, Koketso ran into the yard. She took off her blue shoes and her bright stripy jersey, picked up the big wooden spoon and pushed them into the washtub with all the other washing.

Everything was very, very hot and heavy. The soap bubbles made Koketso sneeze, but eventually she managed to push her clothes down to the bottom – deep, deep, under all of the sheets and pillowcases, and the tablecloth and Granny's large underwear.

"There," she said to her jersey and shoes, "now you'll get all clean and fresh."

When Granny came home, she noticed that Koketso was wearing just a thin dress and had only socks on her feet.

"Koketso," she said, "it's a cold day. Why are you wearing those? Do you want to catch a cold?"

"Oh, Granny," said Koketso, waving her hand in front of her face as if it was a fan, "I'm so HOT. I'm not cold at all."

Then she skipped down the path and waved to her granny. "Bye, Granny," she said. "I'm just going to see Pinky."

"Now just you wait a minute ..." said Granny. But Koketso didn't hear her because she had already disappeared around the corner.

On her way to Pinky's house, Koketso started to feel really cold. The wind was blowing through her dress, and the road was like ice under her feet. She wrapped her arms around herself and ran all the way to her cousin's house.

"Pinky!" called Koketso jumping up and down on Pinky's doorstep. "Pinky, let me in, I'm FREEZING!"

Pinky came to the door. "Are you mad, Koketso?" she said. "Why don't you have any winter clothes on?"

Pinky's house was nice and warm.

"Come in, Koketso," said Pinky's mother, Koketso's Auntie Sarah. "You're just in time for some fresh bread and jam."

Koketso enjoyed herself so much at Pinky's house that she forgot about Granny's washing. Suddenly she remembered and jumped up off her chair.

"Oh no!" she said. "I was supposed to help my granny hang out the washing. I must go home RIGHT NOW!"

"Well, you can't go dressed like that," said Auntie Sarah. "At least put these on." And she gave Koketso a great big, brown cardigan that came down to her knees, and a pair of old slippers.

When Koketso got home her granny was waiting for her with her arms folded. She was very cross. All the washing was hanging on the line, and right at one end was a pair of dripping blue shoes and a tiny teeny little jersey just big enough for a baby.

Koketso's mouth fell open. "But," she stuttered, "but, but, but, I don't understand. That looks like my jersey, but it's not my jersey." And she felt the tears come to her eyes. "Oh, Granny," she wailed, "what's happened to my jersey? I want my old jersey back!"

Granny looked at her. "Don't say I didn't warn you, Koketso," she said. "You can't put woolly things into such hot water. They shrink if you do that. That's why your jersey is so small now."

Early the next morning when Koketso got up, she found that Granny had stuffed her blue shoes with newspaper and put them close to the heater. They were still damp and steaming, but at least they were still their normal size! Her jersey was dry and folded up on top of the pile of Granny's clean washing. But it was very, very small.

Koketso went outside in Auntie Sarah's big, brown cardigan and slippers to sit on the doorstep. She spread the little jersey on her lap. "I'm sorry, stripy jersey," she said, "you were so pretty and soft." And she cried a little bit.

"You look nice and warm in this cold weather, Koketso," said a voice. It was old Uncle Koos who was pushing his shopping trolley down the road. "I've got someone here who nearly froze last night." And old Uncle Koos opened his coat to show her that he was holding a little shivering dog.

"Oh, Uncle Koos," said Koketso, "that dog hasn't got enough hair to keep it warm. Maybe it needs a nice woolly coat."

Then she had an idea.

"It can wear my old jersey!" she said "It's much too small for me now."

The jersey fit the little dog almost perfectly.



"That's wonderful, Koketso," said Uncle Koos. "Look how pleased the little dog is. I'm going to name her after you. Now her name is Ketso."

Koketso laughed. "Ketso," she said. "I think that's a nice name for a dog!"

The little dog wriggled and licked old Uncle Koos on the nose.

"She seems to like her name too," said Uncle Koos, "and she loves her bright, stripy, woolly coat. Come on Ketso, my little dog, let's go and find some breakfast!" Uncle Koos waved to Koketso as he walked off down the street.

"Good idea," said Koketso and she went inside to find her granny, and some breakfast.

UMvulo isoloko ilusuku olunevasi eninzi kakhulu kwaMakhulu. Rhoqo ngoMvulo, kwakusasa kakhulu, uMakhulu ukhupha ibhafu yenkcenkce ze ayixhome phezu kwetafile elapho eyadini. Emva koko uthi abilise amanzi ngeketile. Kufuneka abilise iiketile ezininzi ukuze ibhafu leyo ibe nokuzala qhu.

Emva koko uMakhulu ugalela isepha engumgubo aze azamise ngelo phini lakhe likhulu de amanzi akhephuzele ugwebu. Emva koko ufaka ebhafini onke amashiti neepilo, kulandele ilaphu letafile nempahla yakhe eninzi yangaphantsi, aze ke azinyanzele ngephini lakhe elikhulu ukuze zitshone apho emanzini aze azamise zijikeleze, jikelele, jikelele njalo.

Xa yonke into sele icocekile kwaye ipuliwe, uKoketso uncedisa umakhulu ekwanekeni loo mpahla emanzi nenzima elucingweni.

Ngenye intsasa ebandayo yangoMvulo, uKoketso wajonga iimpahla azinxibileyo.

“Mhhh,” wacinga, “iikawusi zam ezimhlophe zicoceke kakhulu, kodwa zona izihlangu zam ezizuba zimdaka. Ilokhwe yam epinki icocekile, kodwa ijezi yam enemigca nemibala eqaqambileyo ibhontibhonti yonke nje sisidlo sakusasa! Khawujonge nje – iqanda, itumatososi, ubisi, intwana yebhanana kunye NENTLANINGE yengququ yesonka. Ndiyayithanda le jezi yam intle kwaye ishushu, kodwa iyakufuna ukuhlanjwa kakuhle!”

“Makhulu!” wakhwaza. “Ndingayifaka ijezi yam enemigca kunye nezihlangu zam ezizuba ebhafini yakho yokuhlamba iimpahla?”



UMakhulu wakrukruktheke yintsini, “Hayi, mzukulwana wam, la manzi sihlamba ngawo ASHUSHU kakhulu! Akufuneki tu ukwenze oko!”

UKoketso wayengayiqondi ncam loo nto. Kutheni engazukuyifaka ijezi nezihlangu zakhe ebhafini yokuhlamba iimpahla kamakhulu nje? Ngoko ke, uthe xa uMakhulu esaye kuthenga iitapile kunye netswele evenkileni, uKoketso wangena eyadini. Wakhulula izihlangu zakhe ezizuba kunye nejezi yakhe enemigca nemibala eqaqambileyo, wathatha iphini elikhulu waze wazinyanzela ngalo, ezifaka apho ebhafini kunye nezinye iimpahla ezihlanjwayo.

Yonke into apho yayishushu kakhulu kwaye inzima. Amaqampu esepha amenza wathimla uKoketso, kodwa ekugqibeleni wakwazi ukuzinyanzela, zaya ezantsi iimpahla zakhe – kude lee ezantsi, nzulu, ngaphantsi kwawo onke loo mashiti kunye nezo pilo, ngaphantsi kwelo laphu letafile kunye naloo mpahla yangaphantsi kaMakhulu ininzi.

“Nantso ke,” watsho ebhekisa kwijezi nezihlangu zakhe, “ngoku niza kuceceka ninuke kamnandi!”

Wathi akubuya evenkileni uMakhulu, waqaphela ukuba uKoketso unxibe nje ilokhwe elayilayi kunye neekawusi nje kuphela ezinyaweni.

“Koketso,” watsho, “kuyabanda nje namhlanje. Kutheni unxibe ezo mpahla kuphela? Ingaba ufuna ukungenwa yingqele?”

“Owu, Makhulu,” watsho uKoketso, eziphekuza ngesandla sakhe ebusweni bakhe ngathi usebenzisa iphiko lokuphazisa ubushushu, “NDISHUSHU kakhulu. Andigodoli konke konke.”

Waqakatha-waqakatha ukwehla ngendledlana waze wawangawangisa kuMakhulu. “Usale kakuhle, Makhulu,” watsho. “Ndisaya kubona uPinky.”

“Khawume umzuzwana ke ntombazana ...” watsho uMakhulu. Kodwa uKoketso zange amve kuba wayesele engabonakali kuba sele ejikele ekoneni.

Endleleni eya kwaPinky, uKoketso waqalisa ukuziva egodola ngokwenene. Umoya wawuvuthuza ngamandla, uphumela kuloo lokhwe yakhe ilayilayi, kwaye nendlela yayibanda ngathi ngumkhenkce phantsi kweenyawo zakhe. Wasonga izandla zakhe ezambathisa ngazo waze wabaleka yonke loo ndlela ukuya kwamzala wakhe.

“Pinky!” wakhwaza uKoketso exhuma-xhuma esitupini sakuloPinky. “Pinky, ndivulele, NDIYAGODOLA!”

UPinky weza emnyango. “Utheni Koketso, ugula ngengqondo?” watsho emangalisiwe. “Kutheni unganxibanga nenye into eyiimpahla yasebusika nje?”

Indlu yakuloPinky yayifudumele kamnandi.

“Ngena, Koketso,” watsho umama kaPinky, onguMakazi kaKoketso, uSarah. “Ufike kamnandi, kanye xa siza kutya isonka esishushu nesiqatywe ijem.”

UKoketso wonwaba kakhulu kuloPinky kangokuba wade walibala ngevasi kaMakhulu. Ngephanyazo wakhumbula waze waxhuma esitulweni, wema nkqo.

“Owu bantu bakuthi!” watsho. “Bekufanele ukuba ndincedisa umakhulu wam xa kusonekwa ivasi. Kufuneka ndigoduke KANYE NGOKU!”

“Kulungile ke, kodwa awukwazi ukuhamba unxibe njalo,” watsho uMakazi uSarah. “Noko thatha, unxibe nazi iimpahla.” Waza ke wanika uKoketso ijezi evulekileyo enkulu emdaka ngebala, neyayifikelela emadolweni kuye, kunye nezilipasi ezidala.

Wathi xa uKoketso efika ekhaya, wabe umakhulu wakhe sele emlindile, esonge izandla. Wayemqumbele kakhulu. Yonke ivasi yayisele ijinga ecingweni, kwaye kwelinye icala, ekugqibeleni kocingo kwakuthontsiza izihlangu ezizuba kunye nejezana encinane kakhulu nenokulingana usana.

UKoketso wathi ng’u mlomo. “Aaaa-aa” wathintitha, “aaaa-aa, a-a-a, a-a-a, andiqondi ukuba kwenzeka ntoni. Ikhangeleka ngathi yijezi yam leyya, kodwa asiyyo.” Waziva iinyembezi ezishushu ziqengqeleka emehlweni akhe. “Owu, Makhulu,” walila, “kwenzeke ntoni ejezini yam? Ndifuna ijezi yam endala njengoko ibinjalo!”

UMakhulu wamjonga. “Uze ungathi khang’ ndikulumkise, Koketso,” watsho. “Awukwazi ukufaka izinto ezenziwe ngewulu emanzini ashushu oluya hlobo. Ziyashwabana, zinciphe ukuba wenze loo nto. Yiyo loo nto ijezi yakho incinane kangaka ngoku.”

Ngentsasa elandelayo, xa uKoketso evuka, wafumanisa ukuba uMakhulu uzihlohle amaphepha izihlangu zakhe waze wazibeka kufutshane nesifudumezi. Zazisafumile ziqhuma, kodwa zona zazisenobukhulu bazo besiqhelo! Ijezi yakhe yayomile kwaye isongwe kakuhle, yabekwa ngaphezulu kwengqumba yeempahla ezicocekileyo zikaMakhulu. Kodwa yayincinane kakhulu.

UKoketso waphuma phandle ngejezi enkulu enombala omdaka evuleke ngaphambili kaMakazi uSarah kunye nezilipasi, waya kuhlala esitupini ngasemnyango. Wayondlala phezu kwakhe ijezana encinane. “Ndicela uxolo, jezi enemigca,” watsho, “ubumhle kwaye uthambile.” Wathi asakutsho, zathi chapha-chapha iinyembezi.

“Ukhangeleka ufudumele kamnandi kule mozulu ibandayo, Koketso,” kuvakele ilizwi lisitsho. Yayilixhego elinguTatomkhulu uKooos nowayetyhala itroli yakhe, esihla ngendlela. “Ndinomnye apha kum ophantse wafa yingqele phezolo.” Waza ke uTatomkhulu uKooos wavula idyasi yakhe, wabonisa uKoketso ukuba ufihle injana encinane nengcangcazelayo ngaphatsi kwaloo dyasi.

“Owu Tatomkhulu uKooos,” watsho uKoketso, “loo nja ayinabo ngokwaneleyo uboya bokuyigcina ifudumele. Mhlawumbi ifuna idyasi yoboya eshushu kamnandi!”

Kwathi qatha ingcinga ethile kuKoketso.

“Mhlawumbi inganxiba le jezi yam indala!” watsho. “Incinane kakhulu kum ngoku, ayindilingani.”

Ijezi leyo yayilingana twatse inja.



“Owu sisenzo esihle kakhulu esi, Koketso,” watsho uTatomkhulu uKooos. “Jonga indlela ebonakala ivuya ngayo ngoku injana encinane. Ndiza kuyithiya ngegama lakho. Igama layo ngoku nguKetso.”

UKoketso wahleka kakhulu. “UKetso,” watsho. “Ndicinga ukuba ligama lenja elimnandi kakhulu elo!”

Inja encinane yajubalaza yaze yakhotha uTatomkhulu uKooos empumlweni.

“Ikhangeleka ngathi iyalithanda nayo igama layo,” watsho uTatomkhulu uKooos, “kwaye iyayithanda nedyasi yayo yoboya enemigca nemibala eqaqambileyo. Yiza ke Ketso, njana yam encinane, masihambe siye kukhangela isidlo sakusasa!” UTatomkhulu uKooos wawangawangisa, evalalisa kuKoketso njengokuba ehamba esihla isitalato.

“Yingcinga elungileyo leyo,” watsho uKoketso waza wangena ngaphakathi endlwini ukuya kukhangela umakhulu, kunye nesidlo sakusasa.

Nal'ibali fun


Okokuzonwabisa kwakwaNal'ibali



1.

Find the bug that is the odd one out in each row.

Khangela igrogo engafaniyo nezinye kumqolo ngamnye.




2.

Which little picture of Bella and her mom reading, is exactly the same as the big picture?

Ngowuphi umfanekiso omncinane kaBella nomama wakhe wokufunda, ofana nqwa nomfanekiso omkhulu?


a.



b.



c.



3.

How many new words can you make from the word "favourite"?

Mangaphi amagama amatsha onokuwakha navela kweli gama lithi "ayithandayo"?



Koketso's favourite jersey
Eyona jezi ayithandayo uKoketso

Answers: (1) third snail, second bee, fourth ladybird (2) b (3) Examples: favour, tear, tore, vet, for, far, fit, fat, fur, tier, tour, route

Running out of story ideas?
Visit www.nalibali.org or
www.nalibali.mobi for articles
and ideas to encourage a love
of reading in your child, and
to help keep them hooked!

Visit us on Facebook:
www.facebook.com/nalibaliSA
Sindwendwele ku-Facebook:
www.facebook.com/nalibaliSA

Ingaba umelwe yingqondo malunga
nokusetyenziswa kwamabali?
Ndwendwela ku-www.nalibali.org okanye
ku-www.nalibali.mobi ufumane amanqaku
kanye neengebiso zokukhuthaza
uthando lokufunda emntwaneni wakho,
kanye nokubagcina benxanelwe
ukufunda nangakumbi!

Produced for Nal'ibali by the Project for the Study of Alternative Education in South Africa (PRAESA) and Times Media Education. Translation by Nobuntu Stengile. Nal'ibali character illustrations by Rico.

Daily Dispatch

The Herald

Sunday Times

SundayWorld



Drive your
imagination